# kuba ...

### Ndingumntwana kaThixo

Nawuphi na umntu okholwayo ukuba uYesu unguKrestu, ungumntwana kaThixo; yaye ke nabani na omthandayo umzali uyamthanda nomntwana.

*1 kaYohane 5:1*

### Ndingowoyisileye

Akukho mntu unokuloyisa ihlabathi ngaphandle kwalowo ukholwayo ukuba uYesu nguNyana kaThixo. *1 kaYohane 5:5*

### Ndathengwa ndahlawulelwa nguKrestu

UThixo wanithenga ngexabiso elikhulu; musani ke ukuba ngamakhoboka abantu.

*1 kwabaseKorinte 7:23*



### Ndililungu lomzimba kaKrestu

Ningumzimba kaKrestu ke xa ninonke nina; elowo kuni lilungu laloo mzimba.

*1 kwabaseKorinte 12:27*

### Ndiyindlu kaThixo

Anazi na ukuba nina niyindlu kaThixo? Anazi na ukuba uMoya kaThixo uhlala ngaphakathi kwenu? *1 kwabaseKorinte 3:16*

### Ndixolelwe

Yazini niqiniseke xa ninonke, mawethu, ukuba kungoYesu ukushunyayelwa kodaba lokuxolelwa kwezono. Ngokunjalo qondani ukuba wonke umntu ozinikelayo kuye uyakhululwa kuzo zonke izono, obungenako ukumkhulula kuzo umthetho kaMosis. *UMsebenzi 13:38-39*

### Ndikhululekile ekugwetyweni

Ngoko ke àbagwetywa abo bamanywe noKrestu Yesu.

*KwabaseRoma 8:1*

**Ndikhululekile**

"Ukuba nithe nazingisa ukuhlala nisenza oko ndinifundisileyo, niya kuba ngabafundi bam benene. Niya kuyiqonda ke inyaniso; yaye inyaniso iya kunenza nikhululeke."

*UYohane 8:31b-32*

**Ndingonyuliweyo**

Ndiqinisekile, mawethu athandiweyo nguThixo, ukuba uninyulele ukuze nibe ngabakhe.

*1 kwabaseTesalonika 1:4*

**Ndigciniwe kuThixo**

Siyazi ukuba umntwana kaThixo akoni rhoqo. Kaloku uNyana kaThixo uyamgcina, ukuze umtyholi angamchukumisi.

*1 kaYohane 5:18*

**Ndinobomi obungena siphelo**

Umntu omfumeneyo uNyana, ubufumene ubomi; kanti ke yena ongekamfumani uNyana kaThixo, akanabo ubomi. *1 kaYohane 5:12*

# konke oku kungenxa

... uThixo ihlabathi ulithande kangangokuba ude wancama uNyana okuphela kwakhe, ukuze wonke umntu ozinikele kuye ngokupheleleyo angatshabalali, koko abe nobona bomi bungenasiphelo. *UYohane 3:16*

## IThemba eliphilileyo

Makabongwe uThixo noYise weNkosi yethu uYesu Krestu, othe ngenceba wasinika ubomi obutsha ngokuvusa uYesu Krestu ekufeni! Kungenxa yaloo nto ke sinethemba elingagungqiyo nje, sihleli silinde ilifa leentsikelelo asigcinele zona uThixo. *1 kaPetros 1:3-4a*


**Ezi vesi zeBhayibhile zithatyathwe kwinguqulelo yesiXhosa ka 1996 (IBHAYIBHILE).**

Ipapashwe yasasazwa liqumrhu leBhayibhile laseMzantsi Afrika.
**www.biblesociety.co.za**

BibleSA.co.za
BibleSA
Bibles and audio Bibles are available on the **BibleSA app.**